Isifundo 10

**Disemba 2–8*

Abantwana Bedinga

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela le Veki:
Roma 9.

Indima Yenkumbulo:
"Ngoko ke unenceba kwathanda ukumenzela inceba, athi ke athandayo amenze lukhuni" (Roma 9:18).

Njengokuba kubhaliwe kwathiwa, UYakobi ndamthanda, ke uEsawu ndamthiya. . . . Kuba esithi uMoses, Ndiya kuba nenceba . . . ndibe netarhu kosukuba ndinetarhu kuye" (Roma 9:13, 15). UPawulos uthetha ngantoni apha? Kwenzeka ntoni ngentando yomntu nenkululeko yokuzikhethela, ekuthi xa ingekho, kube kuncinane kakhulu okwenza ingqondo koko sikukholelwayo? Ingaba asikhululekanga ukuba simkhethe okanye simale uThixo? Okanye, ingaba ezi ndima zifundisa ukuba abantu abathile benyulwe ukuba basindiswe baze abanye balahlwe, nokuba bebekhethe ntoni? Impendulo iyafumaneka, ngokwesiqhelo, ngokuwukhangela ngokubanzi umfanekiso wento ethethwa nguPawulos. UPawulos ulandela ikhondo lokuxoxa apho azama ukubonisa ilungelo likaThixo ukuchonga lowo aya kubasebenzisa njengabo "[ba]nyuliweyo." Ngapha koko, uThixo nguYe othwala uxanduva lokuvangela ihlabathi. Ngoko ke, kungani ukuba angabi nako ukukhetha njengabathunywa baKhe lowo athanda ukumkhetha? Ukuba nje uThixo akavimbi mntu ithuba lokusindiswa, isenzo esinjalo ngakwicala likaThixo alichasananga nemithetho-siseko yentando ekhululekileyo. Okubaluleke kakhulu, asichasananga nenyaniso enkulu yokuba uKristu wafela bonke abantu, kwaye ulangazelelo lwaKhe lolokuba wonke umntu afumane usindiso. Ukuba nje sikhumbula ukuba umaRoma 9 akathethi ngosindiso lomntu kwabo ibakhankanyayo, kodwa ithetha ngobizo lwabo lokwenza imisebenzi ethile, isahluko asiniki ngxaki.

**Funda isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaDisemba 9.*

Umthwalo KaPawulos

“Nibe bubukumkani bababingeleli kum, nohlanga olungcwele. Ngawo lawo amazwi oya kuwathetha koonyana bakaSirayeli” (Eks. 19:6).

UThixo wayedinga abantu abangabavangeli bokushumayela iindaba ezilungileyo kwilizwe elalikekelele kubuhedeni, ebumnyameni, nasekukhonzeni izithixo. Wanyula amaSirayeli wazityhila kuwo. Waceba ukuba babe luhlanga olusisibonelo ukuze ngaloo ndlela atsalele ezinye kuThixo oyinyaniso. Yayiyinjongo kaThixo ukuba ngokutyhila isimilo saKhe ngoSirayeli ihlabathi laliza kutsalelekela kuYe. Ngokufundisa inkonzo yemibingelelo, uKristu wayeza kuphakanyiswa phambi kwezizwe, baze bonke abakhangela kuYe baphile. Ngokukhula kwamanani kaSirayeli ngokukhula kweentsikelelo zawo, ayeza kuyandisa imida yawo bude ubukumkani bawo buliwole ihlabathi.

Funda Roma 9:1–12. Yingongoma ethini uPawulos ayenzayo apha ngokunyaniseka kukaThixo phakathi kokusilela kwabantu?

_____

_____

_____

UPawulos wakha umgca wengxoxo apho aya kubonisa ukuba idinga elenziwa kuSirayeli alizange liphanze ngokupheleleyo. Kusekho isisalela asafuna ukusebenza ngaso uThixo. Ukumisela ubunyaniso bale ngcamango yesisalela, uPawulos ungena nzulu emva kwimbali kaSirayeli. Ubonisa ukuba uThixo usoloko ekhetha: (1) UThixo akazange ayikhethe yonke imbewu ka-Abraham ukuba ibe ngumnqophiso waKhe, kwaba kuphela umlibo kaIsake. (2) Akazange ayikhethe yonke inzala kaIsakhe, kwaba kuphela leyo kaYakobi. Kubalulekile, nako, ukubona ukuba ilifa, okanye ubunyange, abuqinisekisi usindiso. Ungaba ngowegazi elifanelekileyo, usapho olufanelekileyo, nowebandla elifanelekileyo, kodwa ulahleke, ube ngaphandle kwedinga. Lukholo, ukholo olusebenza ngothando, olutyhila abo “bangabantwana bedinga” (Roma 9:8).

Khangela ibinzana kumaRoma 9:6: “kuba asingabo bonke abaphuma kuSirayeli abangamaSirayeli.” Sithini isigidimi esibalulekileyo esinokuzifumanela sona apha, singama-Adventist, athi ngeendlela ezininzi adlale iindawo ezifanayo kwixesha lethu ezazidlalwa ngamaSirayeli akudala ngelawo?

_____

Abanyuliweyo

“Kwathiwa kuye, Omkhulu uya kukhonza komnci; njengokuba kubhaliwe kwathiwa, UYakobi ndamthanda, ke uEsawu ndamthiya” (Roma 9:12, 13).

Njengoko bekutshiwo kwintshayelelo yale veki, akunakwenzeka ukuba aqondwe kakuhle umaRoma 9 kude kube umntu wazile ukuba uPawulos akathethi ngokusindiswa komntu [ngamnye]. Uthetha apha ngenxaxheba ezizodwa uThixo awayebizela abantu abathile ukuba bazidlale. UThixo wayefuna ukuba uYakobi abe ngunozala wabantu ababeza kuba ngabakhethekileyo baKhe besenzeli sokuvangela ihlabathi. Akukho nto kule ndawo inika ingqondo yokuba uEsawu wayengenako ukusindiswa. UThixo wayefuna ukuba asindiswe kwanjengoko elangazelela ukuba bonke abantu basindiswe.

Funda Roma 9:14, 15. Siwaqonda njani la mazwi kulo mxholo wento esibe siyifunda?

_____

_____

Kwakhona uPawulos akathethi ngokusindiswa komntu omnye, kuba kula ndawo uThixo wandisa inceba kubo bonke, kuba “unga Yena bangasindiswa bonke abantu” (1 Tim. 2:4). “Kuba lubonakele kubantu bonke ubabalo lukaThixo” (Tito 2:11). UThixo kodwa uyakwazi ukukhetha izizwe ukuba zidlale iindawo, kuthi nokuba zinokwala ukudlala iindawo zazo, azikwazi ukukuthintela ukukhetha kukaThixo. Akukhathaleki nokuba wayethande kangakanani uEsawu, wayengasokuze abe ngunozala kaMesiya okanye abantu abanyuliweyo. Ekugqibeleni, yayingekuko ukukhetha kokuzithandela kwicala likaThixo, kungenguwo nomthetho wezulu othile, awathi ngawo uEsawu wavalelwa ngaphandle kosindiso. Izipho zobabalo lwaKhe ngoKristu zifumaneka simahla kubo bonke. Sonke sinyuliwe ukuba sisindiswe, singalahleki (Efese 1:4, 5; 2 Pet. 1:10). Kukuzikhethela kwethu, asikuko okukaThixo, okusigcina sikude kumadinga obomi obungunaphakade kuKristu. UYesu wafela wonke umntu. Kanti ke, uThixo ubeke elizwini laKhe iimeko onokuthi ngazo umphefumlo unyulelwe ubomi obungunaphakade—ukholo kuKristu, olukhokelela umoni ogwetyelweyo ekuguqukeni.

Ngokungathi akakho omnye umntu owakha wakho, wena, ngokwakho, wakhethwa kuKristu kwaphambi kokusekwa kwehlabathi, ukuba ulufumane usindiso. Olu lubizo lwakho, ukunyulwa kwakho, konke ukunikwa nguThixo ngoYesu. Ilungelo elingako, ithemba elinjalo! Zonke izinto ziqatshelwe, kutheni yonke enye into isuka ifiphale xa ithelekiswa kweli dinga likhulu? Kutheni le nto iya kuba yeyona inkulu kuzo zonke iintlekele ukuvumela isono, u-mna, nenyama ukuba zisuse kuwe konke oko ubudingwe kona kuYesu?

_____

Iimfihlelo

“Kuba iingcinga zam asiziso iingcinga zenu, neendlela zenu asizizo iindlela zam, utsho uYehova. Inene, njengokuba izulu liwuphakamele umhlaba, ngokunjalo iindlela zam ziziphakamele iindlela zenu, neengcinga zam ziziphakamele iingcinga zenu” (Isa. 55:8, 9).

Funda Roma 9:17–24. Njengoko sesifundile ukuza kuthi ga kule ndawo, singayiqonda njani into ayithethayo apha uPawulos?

Ngokuyiphatha ngeYiputa ngexesha leMfuduko ngendlela awenza ngayo, uThixo wayesebenzela ukusindiswa koluntu. Ukuzityhila kukaThixo ngezibetho zaseYiputa nasekuhlanguleni abantu baKhe kwakulungiselwe ukuveza kumaYiputa, nakwezinye izizwe, ukuba uThixo kaSirayeli ngokwenene wayenguThixo oyinyaniso. Kwakulungiselwe ukuba kube sisimemo kubantu bezizwe ukuba bashiye izithixo zabo beze banqule Yena. Ngokucacileyo, uFaro wayesele ekwenzile ukukhetha okuchasene noThixo okwayenza lukhuni intliziyo yakhe, ngoko ke, uThixo wayengaqhawuli ithuba lokusindiswa. Ukuba lukhuni kwakungakwisibheno sokuyeka uSirayeli ahambe, kungekuko kwisibheno sikaThixo sokuba uFaro amkele usindiso. UKristu wafela uFaro, kanye njengoko wafela uMoses, noAron, nabo bonke abantwana bakaSirayeli.

Into ebalulekileyo kuyo yonke le nto yeyokuba, njengabantu abawileyo, sinembono ecutheke kakhulu yelizwe, yenyaniso, nekaThixo nendlela asebenza ngayo elizweni. Singakulindela njani ukuziqonda zonke iindlela zikaThixo xa ilizwe lemveli, naphi na apho ukhangela khona, lineemfihlelo esingeke siziqonde? Ngapha koko, kwakuyiminyaka eli-171 eyadlulayo xa oogqirha baba nembono yokuhlamba izandla xa beza kwenza utyando! Injalo indlela esitshone ngayo ekungazini. Ngubani owaziyo, ukuba ixesha lingahlala likho, zeziphi ezinye izinto esiya kuzifumana eziya kutyhila indlela nje esitshone ngayo namhlanje?

Ngokuqinisekileyo, asisoloko siziqonda iindlela zikaThixo, kodwa uYesu waza kusityhilela ukuba uThixo unjani (Yohane 14:9). Kutheni ke ngoko, ukuba kuthi phakathi kweemfihlelo neziganeko ezingalindelekanga kubalulekile kuthi ukuba sihlale kwisimilo sikaKristu noko akutyhililеyo kuthi ngoThixo nothando lwaKhe kuthi? Ukwazi uthando lukaThixo nobunjani besimilo saKhe kungasinceda njani ukuba sihlale sinyanisekile phakathi kwezilingo ezibonakala zingalunganga nezinomkhethe?

Ammi: “Bantu-Bam”

KumaRoma 9:25 uPawulos ucaphula uHoseya 2:23, aze kumaRoma 9:26 acaphule uHoseya 1:10. Imvelaphi yeyokuba uThixo wayalela uHoseya ukuba athabathe “umfazi wobuhenyu” (Hos. 1:2) abe ngumzekeliso wolwalamano lukaThixo noSirayeli, kuba isizwe sasilandele oothixo basemzini. Abantwana abazelwe kulo mtshato banikwa amagama abonisa ukwaliwa kukaThixo nokohlwaywa kukaSirayeli onqula izithixo. Umntwana wesithathu wanikwa igama elinguLoammi (Hos. 1:9), elithetha ukuthi “Asibantu-bam.” Kanti ke, phakathi kwako konke oku, uHoseya waxela kwangaphambili ukuba imini iyeza xa, emva kokubohlwaya abantu baKhe, uThixo uya kubabuyisela ubutyebi babo, abasuse oothixo babo bobuxoki, enze umnqophiso kunye nabo. (Bona uHos. 2:11–19.) Kule ndawo, bonke abo babenguLoammi, “Asibantu-bam,” babeza kuba nguAmmi, “Bantu-bam.” Ngemihla kaPawulos, ooAmmi babequka “kwathina aba, . . . kungekuwo amaYuda odwa, kukwiintlanga nazo” (Roma 9:24). Ukubekwa okucace kangako nokunamandla kwegospile okwathi, kwasekuqaleni, kwakhangela kulo lonke ihlabathi. Akumangalisi ukuba, thina singama-Adventist, sibe nenxaxheba kubizo lwethu olukwisiTyhilelo 14:6: “Ndabona esinye isithunywa sezulu, siphaphazela esazulwini samazulu, sineendaba ezilungileyo ezingunaphakade, ukuba sizishumayele kwabo bemiyo phezu komhlaba, nakwiintlanga zonke nezizwe, neelwimi, nabantu.” Namhlanje, njengemihla kaPawulos, nanjengemihla kaSirayeli wakudala, iindaba ezilungileyo zosindiso kufuneka zisasazwe kulo lonke ilizwe.

Funda **Roma 9:25–29. Qaphela ukuba uPawulos ucaphula kangakanani kwiTestamente eNdala ukucacisa into ayithethayo ngezinto ezazisenzeka ngemihla yakhe. Sithini isigidimi esisiseko esifunyanwa kule ndawo? Lithemba lini elinikezwa apho kubafundi bakhe?**

Into yokuba abanye bakuloPawulos basale isibheno sevangeli yamnika “iintlungu kakhulu nentuthumbo enkulu engapheliyo entliziyweni” yakhe (Roma 9:2). Sekunjalo, sasikho isisalela. Amadinga kaThixo awasileli, noxa abantu bona besilela. Ithemba e sinokuba nalo lelokuba, ekugqibeleni, amadinga kaThixo aza kuzaliseka, kuze kuthi ukuba siwabangela thina loo madinga, azalisekiswe kuthi, nathi.

Kukangaphi abantu bekuphoxa? Uziphoxe kangakanani wena kunye nabanye abantu? Kunokwenzeka ukuba kungaphezu kokuba unokubala, akunjalo? Zithini izifundo onokuzifunda koku kusilela ngendawo apho ithemba lakho lokugqibela limele ukuba lilele khona?

Ukukhubeka

“Sithini na ke ngoko? Sithi iintlanga ebezingasukeli bulungisa, zabubamba ubulungisa, ubulungisa ke baselukholweni; kodwa yena uSirayeli, obesukela umthetho wobulungisa, akafikelelanga emthethweni wobulungisa. Ngani na? Ngokuba ukusukela kwakhe kwaye kungengokwaselukholweni; (Roma 9:30–32). Sithini isigidimi apha, kwaye, okubaluleke kakhulu, singasithabatha njani esi sigidimi sabhalwa ngexesha elithile nendawo ethile size sisebenzise imithetho-siseko kuthi namhlanje? Singakunxwema njani ukwenza iimpazamo ezinye kwimeko yethu awazenzayo amanye amaSirayeli kweyawo?

Ngamazwi angenakungaqondwa kakuhle, uPawulos uchazela abazalwana bakhe ukuba kutheni beyiphosa nje into uThixo abenqwenela ukuba babe nayo—nangaphezu koko, into eyiyeyona bebesukela kodwa bangafikeleli kuyo. Okunika umdla, iiNtlanga awazamkelayo uThixo, zazingazange zakuzama ukwamkelwa okunjalo. Zazisukelana nezinto ezizithandayo nemigomo yazo ngexesha isigidimi segospile sifika kuzo. Zalibamba ixabiso laso, zasamkela. UThixo wazinika ubulungisa kuba zamkela uYesu Kristu njengeBambela [Omi endaweni] lazo. Yayingumsebenzi wokholo.

Ingxaki ngoSirayeli yeyokuba bakhubeka kwilitye lokukhubekisa (bona umaRoma 9:33). Abanye, ingengabo bonke, (bona iZenzo 2:41), bala ukumamkela uYesu waseNazarete njengoMesiya othunyelwe nguThixo. Akazange abe koko babekulindele kuMesiya; ngoko bamfulathela ukufika kwaKhe.

Singekapheli esi sahluko, uPawulos ucaphula enye indima yeTestamente eNdala: “Njengokuba kubhaliwe kwathiwa, Yabona, ndibeka eZiyon ilitye lokubetheka, iliwa lesikhubekiso; bonke abakholwayo kuye abayi kudaniswa” (Roma 9:33). Kule ndawo, uPawulos ubonisa kwakhona ukubaluleka kokholo lwenene kwicebo losindiso (bona ku-1 Pet. 2:6–8). Iliwa lokukhubekisa? Ukanti ke, okholwayo kuYe akasayi kudaniswa? Kunjalo, kwabaninzi, uYesu usisikhubekiso, kodwa kwabo bamaziyo baye bemthanda, uliliwa elilolunye uhlobo, “[i]liwa lokundisindisa” (Ndumiso 89:26).

Ingaba wakha wamfumana uYesu “esisikhubekiso” okanye “iliwa lokukhubekisa”? Ukuba kunjalo, kwakutheni? Ukuthi, yintoni owawuyenza le yakubeka kuloo meko? Waphuma njani, wafunda ntoni ukuze, ngokuthemba kwakho, ungabuye uphinde uzifumane ukolo hlobo lolwalamano oluchaseneyo noYesu kwakhona?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Read Ellen G. White, "Later English Reformers," pp. 261, 262, in *The Great Controversy;* "Faith and Works," pp. 530, 531, in *The SDA Encyclopedia*; Ellen G. White Comments, pp. 1099, 1100, in *The SDA Bible Commentary,* vol. 1. "Kukho ukukhethwa kwabantu [ngabanye ngabanye] kunye nabantu [ngobuninzi], ukukhetha ekukuphela kwako okufunyanwa elizwini likaThixo, apho umntu akhethelwa ukuba asindiswe. Abaninzi bakhangele ekupheleni, becinga ukuba ngokuqinisekileyo babekhethiwe ukuba babe nolonwabo lwezulu; kodwa olu asilulo ukhetho olutyhilwa yiBhayibhile. Umntu ukhethelwe ukuba asebenze usindiso lwakhe ngokoyika nokungcangcazela. Ukhethelwe ukuba axhobe isikrweqe, ukuze alwe imfazwe elungileyo yokholo. Ukhethiwe ukuba asebenzise iindlela uThixo azibekileyo anokufikelela kuzo ukuba alwe ngokuchasene nenkanuko engengcwele, lo gama uSathana esesemdlalweni wobomi ngomphefumlo wakhe. Ukhethelwe ukuba alinde ethandaza, aphengulule iziBhalo, nokuba akunxweme ukungena ekulingweni. Ukhethelwe ukuba abe nokholo maxa wonke. Ukhethelwe ukuba athobele lonke ilizwi eliphuma emlonyeni kaThixo, ukuze angabi ngumphulaphuli nje kuphela, kodwa abe ngumenzi welizwi. Kuko oku ukukhetha kweBhayibhile."—Ellen G. White, *Testimonies to Ministers and Gospel Workers*, pp. 453, 454. "Akukho ngqondo inomda inokuqonda ngokupheleleyo isimilo nemisebenzi yaLowo ungenamda. Asinako uthi, ngokuphengulula, simfumane uThixo. Ezingqondweni, ezona zinamandla nezona zichubekileyo, nakwezona zingenamandla nezona zingazi nto, Lowo ungcwele kufuneka ahlale embathiswe ngemfihlelo. Nangona phofu, 'ingamafu nesithokothoko ngeenxa zonke kuye, bubulungisa nokusesikweni ummiso wetrone yakhe.' Ndumiso 97:2. Ukuza kuthi ga apha, singakuqonda ukusiphatha kwaKhe ukuze siyibone inceba engenamida imanyana namandla angenamda. Sinako ukuziqonda iinjongo zaKhe kangangoko sinokuziqonda; ngapha koku, sisenokusithemba isandla esinamandla onke, intliziyo ezele luthando."—Ellen G. White, *Education*, p. 169.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Amanye amaKristu afundisa ukuba, kwaphambi kokuba sizalwe, uThixo wabakhetha abanye ukuba basindiswe, abanye balahlwe. Ukuba kwenzekile ukuba ube ngomnye wabo uThixo, ngothando nobulumko baKhe obungenasiphelo, wababekela bucala ukuba balahlwe, nokuba sowukhetha ntoni, ugwetyelwe intshabalalo—abaninzi abakholelwa ukuba kukutsha esihogweni ngonaphakade. Ngamanye amazwi, ungakhange ukhethe wena, kodwa ngokubonelela kukaThixo, abanye bamiselwe kwangaphambili ukuba baphile bengenalo ulwalamano oluphilileyo noYesu apha kobu bomi, khon' ukuze bachithe obulandelayo besitsha ngonaphakade emililweni yesihogo. Yintoni engalunganga ngaloo mfanekiso? Loo mbono ichasana njani nendlela esiyiqonda ngayo le miba?

2. Ulibona njani ibandla lamaSeventh-day Adventist nobizo lwalo emhlabeni namhlanje lifana noSirayeli ngemihla yakhe? Zinto zini ezifanayo nezahlukeneyo? Zeziphi iindlela esenza ngcono ngazo? Okanye esenza kakubi kakhulu? Thethelela impendulo yakho.

Notes